



## What do you mean?

**Nal'ibali is called a "reading-for-enjoyment" campaign. So, what exactly is "reading for enjoyment" and why does it matter?**

Different people call reading for enjoyment different things. Some call it "free voluntary reading" or just "free reading". Others call it "reading for pleasure" or "leisure reading". But, they all mean the same thing: reading for enjoyment is reading because you want to.

It's *not* reading because you need to find information for a project or assignment. It's *not* reading a book because your teacher said everyone in your class has to read a certain book, or because your parents said that reading is good for you. It is *not* reading because someone said they would pay you R20 if you read a book during the school holidays, or because you want to have more stars on your reading chart than anyone else in your class.

When you read for enjoyment, you choose what you read, and mostly, when you read. You do not have to finish a book if you don't like it. Nor do you have to talk about it or write about it afterwards – you may choose to, but you don't have to. There is no test on the book and there are no prizes for having finished it. But there certainly are rewards!

When you have read because you want to, your biggest reward is the satisfying feeling that comes from having experienced a good book. It comes from entering another world, or learning about something you're interested in, or from having your understanding of something or someone changed or deepened. It doesn't matter what your age is – whether someone is reading to you, or if you are reading for yourself – the rewards are the same.

And that's why it is so important to read to children simply because it is a satisfying thing to do together. When children hear lots of inviting stories, it allows them to experience the power of books. This motivates them to want to learn to read, and the more they read, the more likely they are to become good at it.

It goes round and round: the more you read, the easier it becomes, and so the more you are likely to want to read for enjoyment, and so you read more often. That's what makes children into lifelong readers.



## Uthetha ukuthini?

**UNal'ibali ubizwa ngokuba liphulo "lokufundela-ukuzonwabisa". Ngoko ke, yintoni kanye-kanye "ukufundela-ukozonwabisa" kwaye kutheni iyinto ebalulekileyo nje?**

Abantu ngabantu bakubiza ukufundela-ukuzonwabisa ngeendlela ezahlukileyo. Abanye bathi "kukuzifundela ngokukhululekileyo unganyanzelwanga" okanye nje "ukuzifundela ngokukhululekileyo". Abanye bathi "kukufundela ubumnandi" okanye "kukonwabela ukufunda". Kodwa, bonke bathetha into enye: ukufundela ukuzonwabisa kukufunda kuba ubani efuna.

*Ayikokufunda* kuba ufundela ukufumana ingcaciso malunga neprojekthi ethile okanye i-asayimenti. *Ayikokufunda* incwadi ethile kuba utitshala wakho ethe wonke umntu eklasini yakho kufuneka eyifundile loo ncwadi, okanye kuba abazali bakho bethe ukufunda yinto ekulungeleyo. *Ayikokufunda* kuba kukho umntu othe uza kukuhlawula ama-R20 ukuba uthe wafunda incwadi ngexesha leeholide, okanye kuba ufundela ukufumana iinkwenkwezi ezingaphezulu kuye wonke umntu oseklasini yakho kwitshati yakho yokufunda.

Xa ufundela-ukuzonwabisa, uyazikhethela ukuba ufuna ukufunda ntoni na, kwaye, kumaxesha amaninzi, ulikhetha ngokwakho ixesha ofuna ukufunda ngalo. Akunyanzelekanga ukuba uyigqibe incwadi ukuba akuyithandi. Kwaye akunyanzelekanga nokuba uthethe ngayo okanye ubhale ngayo emva kokuba uyifundile – ungazikhethela ngokwakho ukwenza oko, kodwa akunyanzelekanga ukuba ukwenze. Akukho vavanyo kufuneka ukuba ulubhalile emva kokuba ufunde loo ncwadi kwaye akukho mabhaso oza kuwafumana kuba ugqibile ukuyifunda loo ncwadi. Kodwa ngokuqinisekileyo zikhona ezinye inzuzo!

Xa ufunde kuba ufuna, eyona nzuzo yakho inkulu uyifumanayo yila mvakalelo yokuziva wonelisekile emva kokufumana amava okufunda incwadi emnandi nenomdla. Loo mvakalelo ivela ekuziboneni ungena kwelinye ilizwe, okanye ekufundeni ngento onomdla kuyo, okanye ekuguqulweni nasekwenziweni nzulu kokuqonda kwakho into ethile okanye umntu othile. Akukhathaliseki nokuba umdala kangakanani na – nokuba ufundelwa ngomnye umntu, okanye uyazifundela ngokwakho – iinzuzo zona ziyafana.

Kungeso sizathu kanye ke kubalulekile ukufundela abantwana kuba kuyinto eyonelisayo xa nikwenza ninonke. Xa abantwana bemamela amabali amaninzi nabatsala umdla, oko kubavumela ukuba bafumane amava amandla eencwadi. Oku kubakhuthaza ukuze bafune ukufunda ukufunda, kwaye okukona befunda ngaphezulu, kokukona beza kugqwesa ekufundeni kakuhle.

Oku kuqhubeka njengento engenasiphelo: okukona ufunda kakhulu, kokukona kusiya kuba lula nangaphezulu ukufunda, kwaye ke oko kuya kubangela ukuba ibe kokukona ufuna ukufundela ukuzonwabisa, ze ke ibe kokukona ufunda rhoqo. Oku ke kuko okwenza abantwana ukuba babengabafundi ubomi babo bonke.



**INSIDE:**  
**Celebrate Mother's Day!**  
**OKUNGAPHAKATHI:**  
**UkuBhiyozelwa koSuku looMama!**



**Drive your  
imagination**

**Story Power.**  
Bring it home.  
Wazise ekhaya amandla ebali.

**Nal'ibali**  
It starts with a story...





## Nal'ibali news

In September 2015, Nal'ibali joined WeChat! WeChat is an instant text and voice messaging app for cellphones. This means you can now stay in touch with us by using your cellphone in two ways – by going to our mobisite ([www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)) and by using WeChat.

"Nal'ibali strives to reach as many parents and caregivers as possible. More and more South Africans are using cellphones, so they are a great way for us to connect with people. Being on WeChat allows us to offer information and stories to people in an easy and affordable way," explained Malini Mohana, Nal'ibali's Digital Coordinator.

If you have the app, you have access to loads of things related to stories and reading for enjoyment. Here are some of them.

- ✿ The Nal'ibali account features multilingual stories in an easy-to-use format. You can pick the story and your language of choice with the click of a button.
- ✿ Useful reading-for-enjoyment tips are sent straight to your cellphone each week to help you tell stories and read to your own children and/or children at school or in your community.
- ✿ You'll find rhymes in different languages that you can read to young children.
- ✿ The app allows you to "talk" to us directly by sending us an instant message.
- ✿ You can take part in competitions by simply sending a message from your cellphone.

## Iindaba zakwaNal'ibali

KweyoMsintsi yowama-2015, uNal'ibali wazibandakanya kunye neWeChat! UWeChat yi-app yokuthumela umyalezo obhaliweyo nokhawulezayo kunye nemiyalezo ngelizwi kwiselula. Oku kuthetha ukuba ngoku unganxibelelana nathi ngokusebenzisa iselula yakho ngeendlela ezimbini – ngokuya kwimobhisayithi yethu ([www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)) kunye nokusebenzisa uWeChat.

"UNal'ibali uzama ukufikelela kubazali kunye neempelesi ezininzi kakhulu kangangoko enakho. Baya besanda ngokwanda abemi boMzantsi Afrika abasebenzisa iiselula, ngoko ke iiselula ziyindlela ehamba phambili yokuqhagamshelana nabantu. Ukuba kwiWeChat kwethu kusivumela ukuba sinike abantu ulwazi namabali ngendlela elula nefikelekayo," ucacise ngelitshoyo uMalini Mohana, onguMnxulumanisi kwezoBuxhakaxhaka be-Intanethi kwaNal'ibali.

Xa unale app, ufikelela kwintlaninge yezinto ezinxulumene namabali kunye nokufundela ukuzonwabisa. Nazi ezinye zazo:

- ✿ I-akhawunti kaNal'ibali iqulethe amabali angeelwimi ezininzi abunjwe ngefomathi eyenza kubelula ukuwasebenzisa. Ungakhetha ibali nolwimi oluthandayo ngokucofa nje iqhosha.
- ✿ Iingcebiso eziluncedo zokufundela-ukuzonwabisa zithunyelwa ngqo kwiselula yakho veki nganye ukukunceda ukuze ubalise okanye ufunde abantwana bakho amabali kunye/okanye nabantwana besikolo sakho okanye abakwindawo ohlala kuyo.
- ✿ Ungafumana nezicengcelezo ezingeelwimi ezahlukeyo onokuzifundela abantwana abancinane.
- ✿ Le app ikuvumela ukuba "uthethe" nathi ngqo ngokusithumelela umyalezo okhawulezileyo.
- ✿ Ungathatha inxaxheba ungenele ukhuphiswano ngokuthumela nje ngokulula umyalezo ngeselula yakho.

So, follow the steps below to join the Nal'ibali family on WeChat! Once you've joined, you'll automatically receive stories and tips in the language of your choice on your cellphone each week. You'll also stand the chance of winning prizes.

1. Download WeChat from the app store on your cellphone, or from [www.wechat.com](http://www.wechat.com).
2. Follow the steps that you are given to create your WeChat profile.
3. Scan the Nal'ibali QR code alongside to add us.



Ngoko ke, landela la manyathelo angezantsi ukuze uzibandakanye nosapho lwakwaNal'ibali ngeWeChat! Usakuba ujoyinile, iza kuzenzekela into yokuba ufumane amabali kunye neengcebiso kwiselula yakho nangolwimi olukhethileyo rhoqo ngeveki. Kananjalo ungasethubeni lokuphumelela izigubha zamabhaso.

1. Kopa uWeChat kuvimba wee-app ezikwiselula yakho, okanye ku-[www.wechat.com](http://www.wechat.com).
2. Landela amanyathelo owanikiweyo ukuze uzakhele eyakho iprofayili yeWeChat.
3. Skena ikhowudi yethu ye-QR yeNal'ibali engasekunxele ukuze usifake nathi kwiselula yakho.

Now you're ready to connect with Nal'ibali anywhere and anytime!

Ngoku ukulungele ukuqhagamshelana noNal'ibali naphi na, nanini na!

## Reading club corner

Here are some special days to celebrate in May and June. For things to do to celebrate these days, go to pages 3 and 16 of this supplement, and look out for details in Supplements 110 and 111.

May	Get Caught Reading month
8 May	Mother's Day
15 May	International Day of Families
16 May	Biographer's Day
25 May	Africa Day
1 June	International Children's Day
5 June	World Environment Day
16 June	Youth Day
19 June	Father's Day
30 June	Social Media Day

## Ikona yeklabhu yokufunda

Nazi ezinye zeentsuku ezikhethekileyo ezinokubhiyozelwa kuCanzibe kunye nakweyeSilimela. Ukuze ufumane izinto onokuzenza ukubhiyozela ezi ntsuku, yiya kwiphepha le-3 nakwele-16 kolu hlelo, uze ke uphinde ukhangele iinkcukacha ezithe vetshe kuHlelo lwe-110 kunye nolwe-111.

KuCanzibe	Inyanga yokuBhaqwa uFunda
8 kuCanzibe	USuku looMama
15 kuCanzibe	USuku lweeNtsapho lweZizwe ngeZizwe
16 kuCanzibe	USuku loMbhali weeBhayografi
25 kuCanzibe	USuku lwe-Afrika
1 kweyeSilimela	USuku lwaBantwana lweZizwe ngeZizwe
5 kweyeSilimela	USuku lokusiNgqongileyo lweHlabathi
16 kweyeSilimela	USuku loLutsha
19 kweyeSilimela	USuku looTata
30 kweyeSilimela	USuku lwamaJelo oluNtu oNxibelelwano



Drive your imagination

# Celebrating our mothers!

Each year on the second Sunday in May, we celebrate how important mothers are in our lives. Here are some thoughts that a few children sent to us about why they love the women who are mothers to them. Enjoy reading what they have written and then follow the instructions to make a Mother's Day card for the mother in your life!

## Ukubhiyozelwa koomama bethu!

Kunyaka ngamnye kwiCawe yesibini yenyanga kaCanzibe, sibhiyozela ukubaluleka koomama ebomini bethu. Nazi ezinye zeengcinga esizithunyelelwe ngabantwana abambalwa malunga nokuba kutheni bebathanda abasetyhini abathatha indawo yobumama kubo. Yonwabela ukufunda oko bakubhalileyo uze ulandele imiyalelo yokwenzela umama osebomini bakho ikhadi loSuku looMama!

I love my mother and I love my grandmother too. My grandmother is also my mother. She looks after me every day because my mom lives very far away. I only see my mom at Easter and at the end of the year. She works far away. I have two mothers!

*Naledi, 10 years old*

Ndiyamthanda umama wam kwaye ndiyamthanda nomakhulu wam. Umakhulu wam usekwangumama wam. Uyandigcina yonke imihla kuba umama wam uhlala kude kakhulu. Umama wam ndimbona kuphela ngexesha lePasika nasekupheleni konyaka. Usebenza kude kakhulu. Mna ndinoomama ababini!

*NguNaledi, oneminyaka eli-10 ubudala*

I love my mother because she's my mommy.

*Khwezi, 6 years old*

Ndiyamthanda umama wam kuba ungumama wam.

*NguKhwezi, oneminyaka emi-6 ubudala*

I love my mother because she always praises everyone. She says that they are clever, or beautiful, or talented, or kind. She's very good with praise.

*Bongani, 8 years old*

Ndiyamthanda umama wam kuba usoloko encoma wonke umntu. Uxelele abantu ukuba bakrelekrele, okanye bahle, okanye banetalente, okanye banobubele. Uyakuthanda kakhulu ukuncoma.


*NguBongani, oneminyaka esi-8 ubudala*

I love my mother because she makes nice cakes.

*Lesebo, 7 years old*

Ndiyamthanda umama wam kuba ubhaka ikeyiki ezimnandi.

*NguLesebo, oneminyaka esi-7 ubudala*




### Make a Mother's Day card

1. Cut out the hearts by cutting along the red line.
2. Fold the hearts along the black dotted line.
3. Glue the two parts together.
4. On one side, draw a picture of you and the person you will give the card to. Write your message to her on the other side.
5. Remember to write your name at the end of your message.



### Yenza ikhadi loSuku looMama

1. Sika iintliziyo ngokulandela umgca obomvu.
2. Zisonge iintliziyo ulandela umgca ongamachaphaza amnyama.
3. Dibanisa loo macala mabini ngokuncamathelisa elinye kwelinye.
4. Kwelinye icala, zoba umfanekiso wakho kunye nomntu lowo uza kulinika yena ikhadi. Bhala umyalezo wakho oya kuye kwelinye icala.
5. Ungalibali ukubhala igama lakho ekupheleni komyalezo wakho.





## Get story active!

Here are some ideas for using the two cut-out-and-keep books, *The great big fish*, (pages 5, 6, 7, 8, 11 and 12) and *Granny's place* (pages 9 and 10) as well as the Story Corner story, *A salad with eight colours* (pages 13 and 15) – a special story for Mother's Day, featuring Mbali. Choose the ideas that best suit your children's ages and interests.

For more story activities, go to page 16.

Ukuze ufumane imisetyenzana nemidlalwana yamabali engaphezulu, yiya kwiphepha le-16 lolu hlelo.

### The great big fish

In this story, Joe wants to be just like his father and catch a fish for supper. But it seems as if Joe may be a better storyteller than fisherman! Children of all ages are likely to enjoy this story.

- ★ The story has lots of repetition in it, for example: "I caught the biggest fish/sheep/goat that you've ever seen" and "That's a great big sheep/goat! You're a great big liar, Joe." Once your children know the story, invite them to join in when you read the words that are repeated in the story.
- ★ Encourage your children to make up their own stories that are inspired by this one. Then help them to write their stories down so that they can read them later.

### Granny's place

This is a simple little story about a girl who loves visiting her grandmother. The story is told mainly through the pictures. This story is especially suitable for younger children.

- ★ As you read the book together, allow time for your children to look at the pictures and comment on things they notice and find interesting. For example, you could say something like, "Look, that girl seems to really like oranges. That's just like you!"
- ★ After you have finished reading the story, ask your children to think of things they like to do with their grandparents or other family members you sometimes visit. Encourage them to write a list of these things – even if you have to help them by writing for them – and then to draw a picture of their favourite thing on the list.

### A salad with eight colours

It is Neo's mom's birthday. He has bought her a box of chocolates, Dad has bought her a pair of beautiful pink earrings and his younger sister, Mbali, has drawn her a beautiful picture on a card. While everyone is busy preparing for Mom's big birthday party, Neo is supposed to be looking after Mbali. But he would rather read his new book, and so he doesn't notice Mbali getting up to all kinds of mischief. This is a good story for reading aloud or retelling.

- ★ With your children, look on the internet or in a cookbook for a recipe for something none of you has ever tried to make before. Together check what ingredients you will need and then read and follow the steps in the recipe. Or, create a new dish together by combining ingredients you have at home. Then write down the recipe so that you can make it again later or share it with others.
- ★ What is your favourite colour? Play a guessing game together, where you tell everyone the names of objects you can think of that have your favourite colour in or on them. See how quickly everyone can guess the name of the colour! Let everyone have a turn to describe their favourite colour.

## Yenza ibali linike umdla!

Nazi ezinye zeengcebiso zokusebenzisa iincwadi ezimbini onokuzisika-ze-uzigcine, u-*Eyona ntlanzi inkulu* (okwiphepha le-5, ele-6, ele-7, ele-8, ele-11 nele-12) kunye no-*KwaMakhulu* (okwiphepha le-9 nele-10) kwakunye nebali leNdawo yamaBali, u-*Isaladi enemibala esibhozo* (elikwiphepha le-14 nele-15) – eli libali elikhethekileyo loSuku looMama, elinoMbali ongumlinganiswa ophambili. Khetha ezo ngcebiso zilungele ubudala nomdla wabantwana bakho.

### Eyona ntlanzi inkulu

Kweli bali, uJoe ufuna ukufana notata wakhe ncam, ngoko ke kufuneka alobe intlanzi yesidlo sangokuhlwa. Kodwa kukhangeleka ngathi uJoe ungumbalisi-mabali ongono kunomlobi! Kulindeleke ukuba nawuphi na umntwana alonwabele eli bali.

- ★ Eli bali linophindaphindo oluninzi kakhulu, umzekelo "Ndibambise eyona ntlanzi/gusha/bhokhwe inkulu kunazo zonke owakhe wazibona" nalapha: "Yeyona gusha/bhokhwe inkulu ngokwenene le! Ulixoki lokwenene, Joe." Xa abantwana bakho sele belazi ibali, bameme ukuba bakujoyine xa ufunda amagama aphindaphindiweyo kwibali eli.
- ★ Khuthaza abantwana bakho baziqambe awabo amabali avuselelwe leli bali. Emva koko ke bancedise babhale awabo amabali ukuze bakwazi ukuwafunda ekuhambeni kwexesha.

### KwaMakhulu

Eli libali elifutshane nelilula elimalunga nentombazana eyayikuthanda kakhulu ukutyela kwamakhulu wayo. Eli bali libaliswa ngemifanekiso ubukhulu becala. Eli bali lilungele kakhulu abantwana abancinane.

- ★ Njengokuba nifunda incwadi ninonke, nika abantwana bakho ixeshana lokubuka imifanekiso baze baphefumle ngezinto abaziqaphelayo nabazifumana zinomdla kuloo mifanekiso. Umzekelo, ungathi kubo, "Jonga, laa ntombazana ikhangeleka iwathanda ngokwenene ama-orenji. Kanye njengani aba!"
- ★ Emva kokuba nigqibile ukufunda ibali, cela abantwana bakho ukuba bacinge ngezinto abathanda ukuzenza noomakhulu nootatomkhulu babo okanye amanye amalungu osapho abakhe bawandwendwele ngamanye amaxesha. Bakhuthaze ukuba babhale uluhlu lwezi zinto – nokuba kufuneka ubancedisile ngokuthi ubabhalele – baze ke bona bazobe umfanekiso weyona nto bayithandayo kolo luhlu.

### Isaladi enemibala esibhozo

Yayilusuku lwesikhumbuzo sokuzalwa lukamama kaNeo. UNeo wayemthengele ibhokisi yeetshokolethi, uTata yena wayemthengele amacici amahle apinki waze udade wabo omncinane, uMbali, wamzobela umfanekiso omhle ekhadini. Lo gama wonke umntu axakekileyo, elungiselela iitheko elikhulu lesikhumbuzo sosuku lokuzalwa kukaMama, uNeo kwakufuneka ampelese uMbali. Kodwa wakhethe ukufunda incwadi yakhe entsha, waze ke ngoko akamqaphela uMbali xa esenza zonke nje iintlobo zeentlonzi nomonakalo. Eli libali elimnandi ngokufundwa ngokuvakalayo okanye libaliswe kwakhona.

- ★ Ukunye nabantwana bakho, khangelani iresipi yokutya ekungekho nabani na kuni owakhe wazama ukukupheka ngaphambili kwi-intanethi okanye kwincwadi yokupheka. Ninonke khangelani ukuba zithini na izithako ezifunekayo ze ke nizifunde nilandela amanyathelo akwiresipi. Okanye, ninonke ningapheka ukutya eningazange nakutya ngaphambili ngokudibanisa izithako ezikhoyo apho ekhaya. Emva koko yibhaleni phantsi iresipi leyo ukuze nikwazi ukukupheka kwakhona nangenye imini oko kutya okanye nabelane nabanye ngayo.
- ★ Ngowuphi owona mbala uwuthandayo? Dlalani uqashi-qashi nonke, apho uxelela wonke umntu amagama ezinto onokucinga ngazo nezinowona mbala uwuthandayo. Khangela ukuba bangawuqashela kamsinyane kangakanani na loo mbala! Wonke umntu makafumane ithuba lokuchaza owona mbala awuthandayo.



### Create TWO cut-out-and-keep books

#### Granny's place

1. Tear off page 9 of this supplement.
2. Fold the sheet in half along the black dotted line.
3. Fold it in half again along the green dotted line to make the book.
4. Cut along the red dotted lines to separate the pages.

#### The great big fish

1. To make this book use pages 5, 6, 7, 8, 11 and 12.
2. Keep pages 7 and 8 inside the other pages.
3. Fold the sheets in half along the black dotted line.
4. Fold them in half again along the green dotted line to make the book.
5. Cut along the red dotted lines to separate the pages.



### Zenzele iincwadana EZIMBINI onokuzisika-ze-uzigcine

#### KwaMakhulu


1. Krazula, ukhuphe iphepha le-9 lolu hlelo.
2. Lisonge phakathi ulandela umgcana ongamachaphaza amnyama.
3. Phinda ulisonge phakathi kwakhona ulandela umgcana ongamachaphaza aluhlaza ukwenza incwadi.
4. Sika ke ngoku ulandela imigcane yamachaphaza abomvu ukuhlula amaphepha.

#### Eyona ntlanzi inkulu

1. Xa usenza le ncwadi sebenzisa iphepha le-5, ele-6, ele-7, ele-8, ele-11, nele-12.
2. Faka iphepha le-7 nele-8 ngaphakathi kwamanye amaphepha la.
3. Wasonge la maphepha phakathi kumgcana ongamachaphaza amnyama.
4. Phinda uwasonge phakathi kwakhona ulandela umgcana ongamachaphaza aluhlaza ukwenza incwadi.
5. Sika ke ngoku ulandela imigcane yamachaphaza abomvu ukuhlula amaphepha.

## NAL'IBALI ON RADIO!

Tune in to your favourite SABC radio station and enjoy listening to children's stories! To find out the days and times that Nal'ibali is on the radio, go to [www.nalibali.org/audio-downloads/](http://www.nalibali.org/audio-downloads/).



## UNAL'IBALI KUNOMATHOTHOLO!

Phulaphula esona sikhululo sikanomathotholo usithandayo kwi-jelo losasazo lakwa-SABC uze wonwabele ukumamela amabali abantwana! Ukuze ufumane iintsuku kunye namaxesha uNal'ibali akunomathotholo ngawo, yiya ku-[www.nalibali.org/audio-downloads/](http://www.nalibali.org/audio-downloads/).



Drive your imagination



“I caught the biggest sheep that you’ve ever  
seen, Dolly. Look!” said Joe.  
Dolly looked inside the bag.  
“That’s a great big goat! You’re a great big  
liar, Joe!” said Dolly.  
“Ndibambise eyona gusha inkulu kunazo  
zonke owakhe wazibona, Dolly. Jonga!”  
watsho uJoe.  
UDolly wajonga ngaphakathi engxoweni.  
“Yeyona bhokhwe inkulu ngokwenene le.  
Ulixoki lokwenene, Joe!” watsho uDolly.

## The great big fish

### Eyona ntlanzi inkulu

Ann Walton  
Trish de Villiers




Joe catches a great big fish for supper.  
It is the biggest fish he’s ever seen!  
He heaves it into a bag and runs home to  
give it to his mother.  
But on the way, VERY strange things  
happen inside the bag.  
Will he still have a fish for supper when  
he gets home?



The great big fish is available in English and Afrikaans.  
To order a copy, send an email to [patricia.devilliers@telkomsa.net](mailto:patricia.devilliers@telkomsa.net)  
or [ann.walton@telkomsa.net](mailto:ann.walton@telkomsa.net).

Nal’ibali is a national reading-for-enjoyment  
campaign to spark children’s potential through  
storytelling and reading. For more information,  
visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



UNal’ibali liphulo likazwelonke lokufundela  
ukuzonwabisa nokuvuselela umdla  
ebantwaneni ngokubalisa amabali nokufunda.  
Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe,  
ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye  
ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



UJoe wabaleka wagoduka  
esiyakubonisa umama wakhe eyona  
gusha inkulu. Endleleni wadibana  
nomye umhlobo wakhe.



Joe ran home to show his mother  
the great big sheep. On the way  
he met a friend.

Joe's father was a fisherman, and every  
morning he sold his fish at the market.

Utata kaJoe wayengumlobi, kwaye ntsasa  
nganye wayethengisa iintlanzi zakhe emarikeneni.



Naye uJoe wakroba ngaphakathi  
engxoweni. Ngokwenene kwakukho  
eyona bhokhwe inkulu ngaphakathi!



Joe peered into the bag. Sure enough,  
there was a great big goat inside it!

Joe laughed. At least Dad didn't  
call him a great big liar!



UJoe wahleka kakhulu. Noko yena  
uTata ungcono kuba akazange athi  
ulixoki lokwenene.





UJoe wabaleka wagoduka  
esiyakubonisa umama wakhe  
eyona bhokhwe inkulu.

Joe ran home to show his mother  
the great big goat.



Naye uJoe wakroba ngaphakathi  
engxoweni. Ngokwenene kwakukho  
eyona gusha inkulu ngaphakathi!

Joe peered into the bag. Sure enough,  
there was great big sheep inside it!

“You caught the biggest fish today,  
Joe,” said Dad. “And you are the  
biggest storyteller!”



“Namhlanje ubambise eyona ntlanzi  
inkulu, Joe,” watsho uTata. “Kwaye  
ungoyena mbalisi-mabali ugqwesileyo!”

But he always took one fish home  
for supper.



Kodwa wayesoloko eshiya intlanzi  
enye nagoduka nayo ukuze ibe  
yeyesidlo sangokuhlwa.



“I caught the biggest fish that you’ve ever seen, Ben. Look!” said Joe.

Ben looked inside the bag.

“That’s a great big sheep! You’re a great big liar, Joe!” said Ben.

“Ndiambise eyona ntlanzi inkulu kunazo zonke owakhe wazibona, Ben. Jonga!” watsho uJoe.

UBen waktoba ngaphakathi engxoweni. “Yeyona gusha inkulu ngokwenene lei Ulixoki lokwenene, Joe!” kutsho uBen.




“I’ve caught the biggest goat that you’ve ever seen, Mom. Look!” said Joe.

Mom looked inside the bag.

“Wow!” she said. “That’s the biggest fish I’ve ever seen!”

“Ndiambise eyona bhokhwe inkulu kunazo zonke owakhe wazibona, Mama. Jonga!” watsho uJoe.

UMama wayonga ngaphakathi engxoweni. “Wowu!” watsho. “Yeyona ntlanzi inkulu ndakhe ndayibona!”





kukho amagqabi  
Leaves



kukho ii-orenji  
Oranges

kukho imithi  
Trees



CAMBRIDGE

*Granny's place* is from the Rainbow Reading series by Cambridge University Press. Rainbow Reading is a graded series for primary schools. It provides a wealth of original stories and factual texts, which will help learners to develop the reading skills and vocabulary they need to meet the requirements of the curriculum – in all learning areas. Rainbow Reading consists of 350 titles which are grouped by level and theme. For further information, visit [www.cup.co.za](http://www.cup.co.za)




Cambridge University Press  
P O Box 50017, V&A Waterfront, 8002  
Tel 021-4127800 | Fax 021 4198418  
Email [info@cup.co.za](mailto:info@cup.co.za)



CAMBRIDGE  
UNIVERSITY PRESS  
[www.cup.co.za](http://www.cup.co.za)

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark children's potential through storytelling and reading. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)




UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa nokuvuselela umdla ebantwaneni ngokubalisa amabali nokufunda. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



Drive your  
imagination

## Granny's place KwaMakhulu



Nonhlanhla Dlamini  
Pinkie Wilson






I love Granny's place.  
Ndiyakuthanda kwaMakhulu.



A warm fire  
Kukho umilo oshushu



"Hello, Granny!"  
"Molo Makhulu!"

Granny's hugs



NoMakhulu uyandanga






While Mom cooked the great big fish for supper, Joe told Dad about the great big fish ...

Lo gama uMama epheka eyona ntlanzi inkulu eyiphekela isidlo sangokuhlwa, uJoe wayebalisela uTata malunga neyona ntlanzi inkulu ...

... that turned into a great big sheep ...




... eyaguquka yaba yeyona gusha inkulu ...



Joe baited his hook and cast his rod out over the lake.


UJoe wafaka isithiyelo sokuloba kwilobi yakhe waze wajula loo ntonga yakhe inomtya wokuloba echibini apho.





Almost at once he hooked a great big fish that nearly jumped out of the water. It was the biggest fish he had ever seen.

Kungekudala wabambisa eyona ntlanzi inkulu neyaphantse yatsibela ngaphandle emanzini. Yayiyeyona ntlanzi inkulu wakhe wayibona.



Mom put her arms around Joe and gave him a great big kiss.

“Thank you for catching our supper, Joe,” said Mom.

UMama wamanga uJoe waze wamthi mathu ukumphuza.

“Enkosi ngokusilobela isidlo sangokuhlwa, Joe,” watsho uMama.



He heaved it into his fishing bag and ran home to give it to his mother. On the way he met a friend.

Wayitsala, wayifaka engxoweni yakhe agcina kuyo iintlanzi waze wabaleka wagoduka ukuze ayinike umama wakhe. Endleleni egodukayo wadibana nomhlobo wakhe.




Joe peered into the bag. Sure enough, the great big fish was inside it!

UJoe naye waktoba ngaphakathi engxoweni. Ngokwene eyona ntlanzi inkulu yayilapho ngaphakathi!



# A salad with eight colours

By Helen Brain ★ Illustrations by Rico



It was Mom's birthday. Neo had saved up his pocket money and bought her a box of chocolates. Dad had bought her a pair of beautiful pink earrings and Mbali had drawn a beautiful picture on a card.

"Thank you, my darlings," Mom said, putting the earrings away safely in the jewellery box on her dressing table. "I have to hurry now or I'll be late at the hairdresser. I'm having my hair done so I can look extra special for my party tonight."

A little while later Gogo called Neo. "I'm busy making food for Mom's birthday party," she said. "Please watch Mbali for me."

"Okay, Gogo," said Neo. But he wasn't really listening. He had a new book from the library all about two boys who sail the seas on a pirate ship.

"Neo," called Gogo after a while, "what is Mbali doing?"

Neo jumped up. He had forgotten all about his little sister. Where was she? He could hear her singing to herself. She had Mom's jewellery box open and she was wearing all Mom's necklaces and rings and bracelets.

"No, Mbali!" Neo said. "You're not allowed to touch those."

Mbali started crying, so Neo quickly packed away all the necklaces, rings and bracelets. Then he picked up his little sister and carried her to the kitchen.

Gogo was very busy. She was watching a pretty lady called Siba on the TV. Siba was making something called a seven colour salad.

"Why is it called a seven colour salad?" Neo asked.

"Look," said Gogo, pointing to the ingredients on the table. "It's got white rice, green peppers, red peppers, orange peppers, brown bacon and black pepper."

"Red's my favourite colour," said Neo, nibbling on a piece of bacon.



"Yellow's mine," said Gogo.

"And Bella loves green," said Neo.

"Pink, pink," said Mbali.

"But Gogo, that's only six colours," said Neo.

"Well, I'm going to add some curry powder," said Gogo. "Mbali, what colour is curry powder?"

"Pink," said Mbali.

Gogo and Neo laughed.

"Noooo," Neo giggled, "it's yellow."

Soon the salad was finished. Gogo put it on the table and covered it with a cloth. "I'm quickly going next door to ask Mrs Mthembu if she can lend me a cup of sugar. Neo, you watch your sister. Make sure she doesn't touch anything."

"Bring all your teddies here," Neo said to Mbali. "Then you can play with them while I read my book."

Mbali trotted off to her bedroom and brought out all her teddies. Neo helped her line them up on the couch and cover them with a blanket so she could put them to sleep. Then he picked up his book and started to read again.

"La, la, la, la," sang Mbali to her teddies. Neo turned the page. This book was so exciting. "La, la, la, la," sang Mbali.

Suddenly Neo looked up. Mbali wasn't singing anymore. Where was she? He checked all the rooms. There she was, in the kitchen, standing on one of the chairs. She was eating Gogo's seven colour salad.



"NO!" shouted Neo. "That's for Mom's party."

Quickly he took a spoon and smoothed over the top of the salad and put the cloth back neatly. It looked as good as new. *Eish!* That was close.

By five o'clock everything was ready. Mom had got back from the salon and her hair looked beautiful. Neo had helped Dad light the fire for the braai and Gogo had bathed Mbali and dressed her in her prettiest party dress.

Suddenly there was a loud shriek from Neo's parents' bedroom, "My new earrings are gone!"

Neo hurried to the bedroom. Mom was nearly in tears. "I put them here," she wailed. "I put them in my jewellery box just this morning, and now they're gone! We must have had a burglary!"

"Oh dear," said Neo. "Mbali was playing with your rings and necklaces this morning, but I put everything away neatly, I promise."

"Mbali," called Mom. "Come here."

Mbali's bottom lip began to tremble and she looked down at the ground.

"Where are my earrings?" asked Mom. Mbali started to cry.

★ Continued on page 15.



# Isaladi enemibala esibhozo

Libali likaHelen Brain ★ Imifanekiso izotywe nguRico

Indawo  
yamabali

Yayilusuku lesikhumbuzo sokuzalwa kukaMama. UNeo wayeyongile imalana yakhe ayiphiwayo waze wamthengela ibhokisi yeetshokolethi uMama. UTata yena wamthengela amacici amahle apinki waze uMbali yena wamzobela umfanekiso omhle ekhadini.

“Ndiyabulela kakhulu, zithandwa zam,” watsho uMama lo gama afaka amacici akhe ebhokisini yobucwebecwebe ephezu kwetafile ukuze akhuseleke, angalahleki. “Kufuneka ndikhawuleze ndihambe ngoku okanye ndiza kufika emva kwexesha kwindawo yokwenza iinwele. Ndiza kwenza iinwele zam ukuze ndikhangeleke ndimhle ngokwenene nangokugqibeleleyo kwitheko lam ngokuhlwa nje.”

Emzuzwini emva koko, uGogo wabiza uNeo. “Ndixakekile ndenza ukutya kwetheko lesikhumbuzo sokuzalwa kukaMama,” watsho. “Nceda undijongele uMbali.”

“Kulungile Gogo,” kwatsho uNeo. Kodwa wayevuma nje, kungekho nto ayivileyo. Wayenencwadi entsha ayiboleke kwithala leencwadi eyayibalisa ngamakhwenkwe amabini awayehamba ngenqanawe yabaphangi elwandle.

“Neo,” wakhwaza uGogo emva kwethutyana, “wenzani uMbali?”

UNeo waxhuma. Wayelibele shici ngodadewabo omncinane. Ingaba wayephi? Wayemva eziculela. Wayevule ibhokisi yobucwebecwebe kaMama kwaye wayenxiba onke loo maso nezoo ntsimbi zomqala kunye nemisesane kwanezacholo zikamama.

“Hayi, Mbali!” watsho uNeo. “Awuvumelekanga ukuba uphathe ezo zinto.”

UMbali waqalisa ukulila, ngoko ke uNeo wasebenza ngokukhawuleza, enqabisa zonke iintsimbi zomqala, imisesane kunye nezacholo zikaMama. Waza ke emva koko wafunqula udadewabo omncinane wamsa ekhitshini.

UGogo wayexakeke kakhulu. Wayebukele inenekazi elihle eligama linguSiba kumabonwakude. USiba lo wayesenza ukutya ekuthiwa yisaladi enemibala esixhenxe.

“Kutheni le nto kusithiwa yisaladi enemibala esixhenxe?” wabuza uNeo.

“Jonga,” watsho uGogo, esolatha izithako ezisetafileni. “Inerayisi emhlophe, ipepa eluhlaza, ipepa ebomvu, ipepa e-orenji kunye ne-bheyikhoni ebrwuni kunye nepepile emnyama.”

“Umbala obomvu ngowona mbala ndiwuthandayo,” watsho uNeo, ekrekretha isiqwengana sebheyikhoni.



“Owam ngotyheli,” watsho ke yena uGogo.

“UBella ke yena uthanda oluhlaza,” watsho uNeo.

“Opinki, opinki,” watsho uMbali.

“Kodwa Gogo, yimibala emithandathu kuphela nje leyo,” watsho uNeo.

“Kaloku ndiza kugalela umgubo wekhari,” watsho uGogo. “Mbali, unjani umbala womgubo wekhari?”

“Upinki,” watsho uMbali.

UGogo noNeo bahleka.

“Hayiiii,” wagitheka uNeo, “utyheli.”

Kungekudala, yagqitywa ukwenziwa isaladi. UGogo wayibeka etafileni waze wayigquma ngelaphu. “Ndisaya kucela ummelwane uNkosikazi Mthembu ukuba andiboleke ikomityi yeswekile. Neo, uze uncede ujonge udadewenu. Uze uqinisekise ukuba akaphathi nenye into apha.”

“Yiza nabo bonke oonodoli bakho apha,” watsho uNeo kuMbali. “Uza kudlala ngabo lo gama mna ndisafunda incwadi yam.”

UMbali wankunkca ukuya kwigumbi lakhe lokulala waza nabo bonke oonodoli bakhe. UNeo wamncedisa uMbali ukuba abakrozise esofeni aze abombathise ukuze abalise. Emva koko uye wathatha incwadi yakhe waqalisa nokufunda.

“La-la, la-la,” wabaculela njalo uMbali oonodoli bakhe. UNeo watyhila iphepha. Incwadi le yayimnandi kakhulu. “La-la, la-la,” uqhubeke nokucula njalo uMbali.

Ngephanyazo uNeo waphakamisa amehlo. UMbali wayengasaculi. Ingaba uyephi? Wamkhangela kuwo onke amagumbi. Nankuya, ekhitshini, ekhwele kwesinye sezitulo. Wayesitya isaladi enemibala esixhenxe kaGogo.



“HAYI!” wamngxolisa uNeo. “Loo saladi yeyetheko likaMama.”

Wakhawuleza wathatha icephe walungelelanisa umphezulu wesaladi waza waphinda wagquma kakuhle. Yakhangeleka kakuhle kwakhona ke ngoku. *Thiza!* Kuphantse konakala.

Ngentsimbi yesihlanu konke kwakusele kume ngendlela, konke kulungele ukuqalisa kwetheko. UMama wayesele ebuyile kwindawo yokwenza iinwele kwaye neenwele zakhe zazintle kakhulu. UNeo wancedisa uTata ekubaseni umlilo wokosa inyama waze noGogo wahlamba uMbali, wamnxibisa eyona lokhwe yakhe intle yetheko.

Ngephanyazo kwavakala isikhalo esibukhali esivela kwigumbi lokulala labazali bakaNeo, “Amacici am amatsha alahlekile!”

UNeo wakhawuleza waya kwigumbi lokulala labazali bakhe. UMama wayentywizisa iinyembezi. “Bendiwafake apha,” walila. “Bendiwafake kule bhokisi yam yobucwebecwebe kusanje, ngoku awekho! Inokuba kuqhekeziwe!”

“Owu nkosi yam,” watsho uNeo. “UMbali ebedlala ngemisesane neentsimbi zomqala zakho kusasa nje, kodwa ndiye ndazibuyisela zonke kakuhle kwakhona, ndiyakuthembisa.”

“Mbali,” wakhwaza uMama. “Yiza apha.”

UMbali wabezelisa umlebe wakhe ongezantsi waze wathokombisa intloko yakhe.

“Aphi amacici am?” wabuza uMama. UMbali waqalisa ukulila.

★ Lisaqhubeka nakwiphepha le-15.



From page 13. ★

"I told you to watch your sister, Neo," said Gogo. "You know she's not allowed to play with your Mom's things."

Neo felt terrible. He hung his head. "I'm really sorry, Mom," he murmured. Now Mom's birthday was spoilt and it was all his fault.

Wait! What was that he saw? There was something sparkly under the dressing table. Quickly Neo crawled under the dressing table and picked it up. "Here's one of your earrings, Mom!" he called.

He looked everywhere for the other pink earring – under the dressing table, under the bed, in Mom's drawer. He even checked Mbali's bed and her doll's pram, but he couldn't find it anywhere. Mom was very sad – she couldn't wear only one earring.

Just then the doorbell rang. Their friends had arrived for the party. Mom put on her old blue earrings and she put a smile on her face and went to say hello to everyone who had come to wish her a happy birthday. Dad put the sausage on the braai and soon everyone was laughing and talking.

Neo could see that Mom was still sad. "I wish I'd watched Mbali better," he thought as he helped Gogo carry the salads outside to the big table.

"Let's eat," said Dad. "It all looks delicious. Thank you, Gogo for making such wonderful food."

"She learnt how to make the seven colour salad from a lady on TV," said Neo.

"There's white rice, and green and red and orange peppers, and brown bacon, and yellow curry powder, and black pepper in it."

"Pink, pink," called Mbali, banging the table with her spoon. "Pink, pink."

"MMMM," said Mom. "I can't wait to try it."

She scooped a big serving onto her plate and took a mouthful. Suddenly she stopped chewing. Her eyes grew big and round. Something was wrong!

"What's the matter?" asked Dad.

"Don't you like it?" Gogo asked. "Did I put too much curry powder in it?"

Mom put her hand into her mouth and pulled something out. "My earring!" she cried. "Here's my lost earring."



"Pink," said Mbali with a big smile. "Pink."

"Mbali put your earring in the salad," giggled Neo. "She was sad because the salad didn't have her favourite colour in it."

"I think tonight we will have to call it an eight colour salad," smiled Gogo.

Everybody laughed, even Mbali who was holding Mom's pink earring.

Liqhubeka, lisuka kwiphepha le-14. ★

"Bendikuxelele ukuba uze umjonge udadewenu, Neo" watsho uGogo. "Uyazi ukuba akavumelekanga ukuba adlale ngezinto zikamama wakho."

UNeo wayesiva kakubi kakhulu. Wayithokombisa intloko yakhe. "Ndicela uxolo olungazenzisiyo, Mama," wangqumshela. Ngoku usuku lwakhe lwesikhumbuzo sokuzalwa lwalonakele kwaye yayilityala lakhe.

Yima! Yintoni leya ivele phaya? Kwakukho into emenezelayo ekhaphethini, ngaphantsi kwetafile yokubeka izinto zokuthambisa. Ngokukhawuleza wakhasa wangena phantsi kwetafile wayichola. "Nali elinye lamacici akho, Mama!" wakhwaza.

Wakhangela kuyo yonke indawo ekhangela elinye icici elipinki – phantsi kwetafile yokubeka izinto zokuthambisa, phantsi kwebheddi, kwidrowa kaMama. Wade wayakukhangela nditsho nasebhedini kaMbali kunye nakwinqwelwana yoonodoli bakhe, kodwa zange alifumane naphi na elo cici. UMama wayelusizi kakhulu – wayengakwazi ukunxiba icici elinye kuphela.

Kanye ngelo xesha, kwavakala ukunqonkqoza emnyango. Abahlobo babo babefika beze ethekweni. Kwanyanzeleka ukuba uMama anxibe amacici akhe amadala azuba wazama nokuncuma waza waya kubulisa wonke umntu owayeze kumnqwenelela iMini eMnandi. UTata wabeka isoseji emlilweni kwaze kwakamsinyane kwahlekwa kwancokolwa ngumntu wonke.

UNeo wayembona ukuba uMama uselusizi. "Akwaba bendimjonge ngcono ngokwenene uMbali," wacinga njengokuba wayenceda uGogo emphathisa iisaladi ukuya kuzibeka etafileni enkulu phandle.

"Masityeni," watsho uTata. "Konke kukhangeleka kumnandi. Enkosi Gogo ngokwenza ukutya okumnandi kangaka."

"Ufunde ukwenza isaladi enemibala esixhenxe kwinenekazi ebelikumabonwakude," watsho uNeo. "Kukho irayisi emhlophe, ipepa eluhlaza, ipepa ebomvu, ipepa e-orenji kunye nebheyikhoni ebrawuni nomgubo wekhari otyheli kunye nepepile emnyama.

"Nopinki, nopinki," kwakhwaza uMbali, ebetha itafile ngecephe lakhe.

"Nopinki, nopinki."

"MHMMH," watsho uMama. "Andisakwazi kulinda ukuba ndide ndiyingcamle."

Waziphakela kakhulu egalela epleyitini yakhe waze wakha icephe. Ngephanyazo wayeka ukuhlafuna. Wathi gqa amehlo amakhulu nangqukuva. Kwakukho okungalunganga!

"Yintoni?" wabuza uTata.

"Akuyithandi?" wabuza uGogo. "Ingaba ndigalele umgubo wekhari omninzi?"

UMama wafaka isandla emlonyeni wakhe waze watsala into ethile. "Icici lam" wakhwaza. "Nali icici lam ebelilahlekile."



"Upinki," watsho uMbali ngolubanzi uncumo. "Upinki."

"UMbali ufake icici lakho esaladini," wagigitheka uNeo. "Ebelusizi kuba isaladi ibingenawo owona mbala awuthandayo."

"Ndinga ukuba ngokuhlwa nje kufuneka siyibize ngokuthi yisaladi enemibala esibhozo," wancuma esitsho uGogo.

Wonke umntu wahleka, nditsho noMbali owayebambe icici elipinki likaMama.



# Nal'ibali fun

## Okokuzonwabisa kwakwaNal'ibali




✿ Find **eight** differences between these two pictures.

✿ Funa izinto **ezisibhozo** eyahluke ngazo le mifanekiso mibini.



✿ Unscramble the letters to find the names of six colours.

NPKI \_\_\_\_\_  
OLEWYL \_\_\_\_\_  
EGERN \_\_\_\_\_  
RONBW \_\_\_\_\_  
EDR \_\_\_\_\_  
AKLBC \_\_\_\_\_




✿ Lungisa aba nobumba uze wakhe ngabo amagama amathandathu emibala.

INPKI \_\_\_\_\_  
YTEHLI \_\_\_\_\_  
HALULAZ \_\_\_\_\_  
WIRBANU \_\_\_\_\_  
VUMOB \_\_\_\_\_  
AANMYM \_\_\_\_\_

✿ Look at these pictures from *The great big fish*. Number the pictures so that they match the order in which things happen in the story. Now use the pictures to retell the story.

✿ Jonga le mifanekiso ivela kwibali elisihloko sithi, *Eyona ntlanzi inkulu*. Nika umfanekiso ngamnye inombolo ukuze uhambisane nendlela iziganeko ezilandelelana ngayo ebalini. Ngoku ke sebenzisa le mifanekiso ukubalisa ibali kwakhona.



Impendulo: pinki, tyheli, luhlaza, browuni, bomvu, myama  
Answers: pink, yellow, green, brown, red, black

Need copies of this supplement in other languages, or copies of older supplements? Download them for free at: <http://nalibali.org/resources/nalibali-supplements/>.

Visit us on Facebook:  
[www.facebook.com/nalibaliSA](http://www.facebook.com/nalibaliSA)  
Sindwendwele ku-Facebook:  
[www.facebook.com/nalibaliSA](http://www.facebook.com/nalibaliSA)

Ingaba ufuna iikopi zolu hlelo nangezinye iilwimi, okanye iikopi zeentlelo ezindala? Zikopele simahla ku-<http://nalibali.org/resources/nalibali-supplements/>.

Produced for Nal'ibali by the Project for the Study of Alternative Education in South Africa (PRAESA) and Times Media Education. Translation by Nobuntu Stengile. Nal'ibali character illustrations by Rico.

Daily Dispatch

The Herald

Sunday Times

SundayWorld



Drive your imagination